

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal

STUDY

You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



SA EXAM
PAPERS



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-8.



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathana emide (30)

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama ngundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A. imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama

ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 lamagama
[umxholo kuphela]

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama
[umxholo kuphela]



ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 'Esam isithandwa singena siye kuma entla ekhaya,' utshilo uZola. 'Akukho mfana unokungena ekhaya engekanditshati mna,' uphendule watsho uNokuzola.

Sukela kule ngxoxo ingasentla ubhale isincoko.

- Ukohluka kwezimvo zolutsha ngalo mba.
- Izinto ezikhokelela kule mpikiswano, 'Inkcubeko, ubudala, ixesha, ukhuseleko.'

Zithini izimvo zabantu abadala ngalo mba?

[50]

OKANYE

- 1.2 Bhala isincoko esiquka la mazwi, 'Ndiyazisola ngokungawaphulaphuli amazwi abazali bam'.

- Ayesithini la mazwi?
- Ingozi yokudibanisa utywala nokuqhuba imoto.
- Ukukhetha abahlobo abalungileyo.
- Njalo-njalo.

[50]

OKANYE

- 1.3 Jonga lo mfanekiso uze ubhale isincoko. Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.



[50]

OKANYE

- 1.4 Landile inani leenkedama ngenxa kagawulayo.

Nika izimvo zakho.

Isikhokelo:

- Ubomi bezi nkedama.
- Izinto ezenziwa ngabanye abantu kwezi nkedama.
- Uncedo abanokulufumana.

[50]

OKANYE

- 1.5 Oyena mmi woMzantsi Afrika ndimthandayo.

Bhala isincoko uthethe ngalo mntu.


Isikhokelo:

- Ngubani lo mntu?
- Izizathu zokuba umthande.
- Iminqweno yakho ngokuphathelele kulo mntu.

[50]

OKANYE

- 1.6 Jonga le mifanekiso ilandelayo uze ubhale isincoko. Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.



[50]

OKANYE

- 1.7 Iphondo endithanda ukulityelela.

Bhala isincoko uthethe ngeli phondo.

Ungathetha ngezi zinto:

- Igama lephondo.
- Izinto ozithandayo nezinika umdla kweli phondo, njalo njalo.

[50]

OKANYE

- 1.8 Ukhuphiswano lwendebe ye *Confederations* ka2009 eMzantsi Afrika.

Bandakanya oku:

- Amalungiselelo.
- Amaqela amazwe ngamazwe.
- Imidlalo.
- Abadlali abaphambili, njalo njalo.

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA ESEMTHETHWENI

Kulo nyaka iqela labafundi besiXhosa kwingingqi ohlala kuyo baza kuya kukhenketho lwenye yeedolophu ezinkulu kweli loMzantsi Afrika nootitshala babo, ngeenjongo zokufunda ngolwalamano phakathi kwesiXhosa nezinye iilwimi. Bhalela umphathi wakwaCoca Cola ileta umcele ukuba akunike inkxaso-mali yokujongana neemfuno zolu khenketho.

Isikhokelo:

- Lunini kwaye luya phi ukhenketho?
- Lungantoni?
- Uncedo olufunayo.

[30]**OKANYE****2.2 INGXELO**

Ungcoliseko kwiindawo ezisingqongileyo luyanda kakhulu, njengomhlali oyithandayo indalo nococeko lwendawo ohlala kuyo akukwazi ukuyinyamezela le meko. Bhalela uMasipala wedolophu yakho ingxelo epheleleyo ngale meko unike neengcebiso.

Isikhokelo:

- Iinjongo zale ngxelo.
- Imizekelo yongcoliseko.
- Iziphumo zongcoliseko.

[30]**OKANYE**

2.3 I-OBHITSHUWARI

Usapho lwakho lukhathazekile emva kokusweleka kukamalume wakho kwingozi yokungqubana koololiwe. Nanjengoyena mtshana obethandwa kakhulu ngumalume, usapho lwakho lukucelile ukuba ibe nguwe oza kubhala inkcazo ngobomi bakhe. Bhala i-obhitshuwari ngaye.

Isikhokelo:

- Igama, ifani, indawo.
- Ukukhula, imfundo, umsebenzi.
- Unobangela wokufa.
- Usapho nomyalezo wokukhuthaza okanye ukuthuthuzela.

[30]**OKANYE****2.4 IRIVYU**

Wena ububukele ifilimu oyithande kakhulu kumabonakude.

Bhala irivyu yale filimu.

Isikhokelo:

- Isihloko sefilimu.
- Abalinganiswa.
- Umxholo nezimvo zakho.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30****ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3**

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 IPOSIKHADI

Uthe wakuva ukuba upasile, awakwazi nokuzibamba, wavuya kakhulu ucinga inkuthazo nenzondelelo katitshala wakho. Mbhalele umyalezo omfutshane kwiposikhadi umbulela ngako konke akwenzele kona.

Isikhokelo:

- Isihloko.
- Uluhlu lwezinto akuncede kuzo utitshala.
- Izinto oza kuzenza emva kokupasa kwakho (amaphupha).

[20]**OKANYE**

3.2 ISIMEMO

Umntakwenu uza kuphuma esuthwini kule veki izayo. Abazali bakho bagqibe ukuba benze isihika-hika somgidi. Yila ikhadi lesimemo.

Isikhokelo:

- Uyilo.
- Umhla, ixesha, isinxibo nendawo.
- Idilesi okanye iinombolo zonxibelelwano.

[20]**OKANYE****3.3 IDAYARI**

Ungumntwana osebenza nzima esikolweni nakwindawo ohlala kuyo.

Bhala idayari yeentsuku ezintathu ubonise okwenzayo kusuku ngalunye.

Isikhokelo:

- Izifundo nemidlalo esikolweni.
- Izinto ngaphandle kwesikolo.
- Imisetyenzana yasekhaya.
- Njalo-njalo.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 100**